
# Ukuqwalaselwa kwegalelo lokuqeqeshwa kootitshala kwinkqubo esekeke emabalini yokufundisa kulwimi nakwilitheresi yabantwana abaneminyaka emi-4 nabanemi-5

## Inkqubo yeLittle Stars eklasini: Ingaba iindlela ekufundiswa ngazo ziye zatshintsha?

Esi sisishwankathelo semiyalelo sesithathu kuchungechunge lwezishwankathelo zemiyalelo zophando ezintlanu, eziqwalasela igalelo leLittle Stars, neyinkqubo esekeke emabalini ekuqeqeshwa kuyo ootitshala kulwimi nakwilitheresi yabantwana abaneminyaka emi-4 nabanemi-5. Esi sishwankathelo sigxile ekujongeni ukuba ingaba uqeqesho lootitshala olusekeke kwizixhobo zokufunda nokufundisa lukhokelele ekwamkelekeni kwenkqubo, kwakunye nendlela le nkqubo eye yatshintsha ngayo iindlela ekufundiswa ngazo.

Sisebenzise imodeli kaKirkpatrick[1] saze sagxila kwiNqanaba lesi-3 (ukuguquka kwendlela yokwenza okanye yokuziphatha) ngeenjongo zokuqwalasela indlela ebebeyisenbenzisa ngayo le nkqubo ootitshala kwakunye nohlobo uqeqesho olubonakala ngayo kwiindlela zokufundisa eklasini.

Umfanekiso 1: Imodeli kaKirkpatrick




**Ingaba bebeyisebenzisa njani ootitshala le nkqubo?**

Abaqeqeshi batyelele ootitshala abangama-26 abakwiqela longenelelo kuJulayi wowama-2022. Njengoko abaqeqeshi bebengakwazi ukuqwalasela ootitshala kuyo yoli-10 imisebenzi yesayikile yeeveki ezimbini, siye sabacela ootitshala ukuba benze omnye wemisebenzi engundoqo nekhokelwa ngutitshala: *Ukubalisa ibali, Ukulandelelanisa imifanekiso* okanye *Ukufundwa kweNcwadi eNkulu* kunye nomsebenzi okhokelwa ngumntwana: *Ukuzoba nokubhala okusavelayo*[2].

Besebenzisa isikali esisuka kwisi-1 ukuya kwisi-5, abaqeqeshi baye babanika ngolu hlobo kwimibuzo elandelayo besebenzisa esi sikali sichaziweyo. Kuye kwakhuthaza ke ukubona iipesenti ezingama-75 zootitshala zikwisi-4 ukuya kwisi-5 ngokwesikali. Kwiipesenti ezingama-25 zootitshala, iipesenti ezili-17 zibe kwsi-3 ngokwesikali, ze iipesenti ezisi-8 zootitshala zafumana isi-1 ukuya kwisi-2.

**Umfanekiso 2: IAvareji yokunikwa kwamanqaku kwimibuzo emalunga nokwenziwa kwale nkqubo eziklasini (isikali = isi-1 ukuya kwisi-5)**

| Amanqaku | Umbuzo |
|---|---|
| 4.4 | Ingaba izixhobo zokufunda nokufundisa zeLittle Stars ziyabonakala, zikhathalelwe kwaye abantwana bayakwazi ukufikelela kuzo? |
| 4.3 | Ingaba utitshala ukulungiselele wakulungela ukwenza umsebenzi? |
| 4.1 | Ingaba utishala ulandela imisebenzi yesayikile yeeveki ezimbini? |
| 4.2 | Ingaba utitshala ulandela amanyathelo *Ukubalisa ibali, Ukulandelelanisa imifanekiso* OKANYE *Ukufundwa kweNcwadi eNkulu?* |
| 4.3 | Ingaba bathatha inxaxheba abantwana kulo msebenzi? |
| 3.2 | Ingaba utitshala ulandela amanyathelo afanelekileyo kumsebenzi wokuzoba ngokukhululekileyo okhokewa ngumntwana? |

[1] Kirkpatrick, D., & Kirkpatrick, J. (2006). *Evaluating training programmes: The four levels.* Berrett-Koehler Publishers.

[2] Kumsebenzi wokuzoba ngokukhululekileyo, abantwana bazoba eyona ndawo bayithandileyo ebalini aze utitshala abhale into abayithethayo malunga nomzobo wabo. Ootitshala abangaphantsi kwesiqingatha bawenzile lo msebenzi kodwa bambalwa abaye babhala into ethethwa ngabantwana malunga nemizobo yabo. Endaweni yoku, ikota yootitshala yenze umsebenzi wokuzoba okhokelwa ngutitshala futhi iklasi enye kwezintathu khange iyenze imisebenzi yokuzoba.

**Ukuqwalaselwa kokufundisa eklasini**

Ukongeza kutyelelo lwabaqeqeshi beLittle Stars eziklasini, abaqwalaseli batyelele ootitshala ngoFebruwari nangoAgasti wama-2022. Bachithe intsasa kwiklasi nganye, beqwalasele utitshala nabantwana futhi bejonga nendlela ekhangeleka ngayo iklasi kwakunye nezixhobo zokufunda nokufundisa.

Abaqwalaseli basebenzise i*Early Childhood Environment Rating Scales* (ECERS) ngeenjongo zokukhokela ukuqwalasela kwabo. Siye sakhetha esinye ke kwezi zikali zithandathu ze-ECERS-3[3] (*Ulwimi neLitheresi*, kunye ne*Misebenzi emalunga nokufunda*), kunye nesinye sezikali ezine ze-ECERS-E[4] (*ILitheresi*).


Kwinto nganye, izikhokelo zeECERS zibonisa izinto ekufuneka zijongwe ngabaqalaseli. Abaqwalaseli bafaka uphawu (✓) kwinto nganye abayiqwalaseleyo baze babale inqaku lento nganye besebenzisa isikali esisuka kwisi-1 ukuya kwisi-7: ngokunganelanga (isi-1 ukuya kwisi-2); awona aphantsi (isi-3 ukuya kwisi–4); awona alungileyo (isi-5 ukuya kwisi–6); abalaseleyo (isi-7). Kulula ukuphumelela izinto ezithile, ukanti ezinye izinto zifuna kubekho izixhobo zokufunda nokufundisa kunye nootitshala abanezakhono.


Umzekelo, nazi ezinye zezinto ze-ECERS-E *Umntu omdala ofunda nabantwana*:

- Abantu abadala abafane babafundele abantwana.
- Abantu abadala abafunda kunye nabantwana yonke imihla.
- Abantwana bathatha inxaxheba ngamaxesha okufunda (umzekelo, abantwana bayakhuthazwa ukuba baphindaphinde amagama namabinzana akwitekisi, abantu abadala babonisa abantwana imifanekiso okanye bababuze imibuzo elula).
- Abantwana bathatha inxaxheba xa kufundwa ze kuxoxwe ngamagama okanye ngebali.
- Abantwana bakhuthazwa ukuba bacinge ngemibuzo ethi ‘bekuza kwenzeka ntoni ukuba’ okanye banxulumanise umxholo wencwadi namanye amava.

Njengokuba ubona kulo mzekelo ungasentla, eyona nto kugxilwe kuyo kukufundwa kwencwadi yamabali kwaye akukho nto imalunga nokubaliswa kwebali ngomlomo. Inkqubo yeLittle Stars iyakuxhasa kakhulu ukubaliswa kwamabali ngomlomo, ngoko ke siye sayila izinto eziza kongezwa kwiECERS-3 nakwiECERS-E ngokuthi sifake ‘ukubaliswa kwamabali’ endaweni ‘yeencwadi zokufunda’. Ootitshala basenokufumana amanqaku okufunda incwadi yamabali okanye ukubalisa amabali ngomlomo.

**Umfanekiso 3: i*Early Environment Rating Scales* (ECERS)**




[3] Harms, T., Clifford, R. M., & Cryer, D. (2014). *Early Childhood Environment Rating Scale, third edition (ECERS-3)*. New York, NY: Teachers College Press.

[4] Siraj-Blatchford, I., Taggart, B., & Sylva, K. (2010). *ECERS-E: The Early Childhood Environment Rating Scale Curricular Extension to ECERS-R (4th ed.)*. Trentham Books Ltd.

## Ingaba le nkqubo ibe nefuthe elingakanani kwiindela zokufundisa?

### Phambi koqeqesho

Amanqaku okuqwalasela umgangatho wokuqonda kootitshala phambi koqeqesho ebesezantsi kakhulu, akukhange kubekho nenye into eye yafikelela kumanqaku ama-4 okanye ngaphezulu.

- Kwinto enye kwezintathu, ootitshala bafumene amanqaku ama-3, ngelixa kwezinye izinto befumene phakathi kwenqaku eli-1 ukuya kwama-2.
- Kuye kwakho amanqaku ahlukeneyo kuzo zonke izinto, ngaphandle kwamanqaku o*Mdlalo wokulinganisa neNdalo/nzululwazi*, ezibe namanqaku aphakathi kwesi-1 ukuya kwisi-2.

Kubalulekile ke ukuba siqaphele ukuba imiqathango yeCOVID iye yasuswa xa kuphela unyaka wama-2021, nto leyo engasisizathu sokuba inkoliso yabaqwalaseli inganiki ngxelo malunga no*mdlalo wokulinganisa*. Abantwana nabo bebesafika eklasini, nto leyo enokuba ibe negalelo kwindlela yabo yokubesenza nokusebenzisana.

### Emva koqeqesho

Siye sathelekisa amanqaku okuqwalasela kwinyanga uFebruwari (iXesha loku-1) nakuAgasti (iXesha lesi-2), saze safumanisa ukuphucuka kwawo ukususela kwiXesha loku-1 ukuya kwiXesha lesi-2 kuzo zozithathu izikali ezisezantsi futhi ke kumaqela omabini eelwimi (kubekho igalelo elicacileyo kwixesha  lwaze ulwimi alwabi nagalelo).


Kuye kwacaca futhi nokuba iqela elijongene nongenelelo liye laphucuka ngokwamanqaku kuneqela elingathathanga nxaxheba kungenelelo kwizikali ezisezantsi zozithathu ze-ECERS. Kwizikali ezisezantsi ze*Lwimi neLitheresi* kwakunye nee*Misebenzi emalunga nokufunda*, kuye kwacaca ngokwamanani ukuphucuka. Kwisikali esisezantsi se*Litheresi*, khange ube mkhulu umahluko.

Ukuzama ukuqwalasela ukuphucuka kudibene konke kwinto nganye yeXesha loku-1 nelesi-2, siye sahlalutya amanqaku ento nganye yeXesha loku-1 nelesi-2. Kwezinye izinto, kumaqela omabini, ootitshala baye babonisa ukuphucuka okuye ixesha lihamba (umzekelo, ku*Mdlalo wokulinganisa*). Nangona kunjalo, siye safuna ukubona ukuba zeziphi izinto ezingakhange zitshintshe kakhulu kwiqela elingathathi nxaxheba kungenelelo kodwa zatshintsha kakhulu kwiqela elijongene nongenelelo. Xa besisenza oku, siye sajonga into nganye saze sabala inani loo 'ewe' abanikwe ngabaqwalaseli.

Asikhange silindele kuphucuka kwizinto ezingazalaniyo nenkqubo yeLittle Stars (umzekelo, *Iibhloko*) okanye ekufuneka zinezixhobo zokufunda nokufundisa ezongezwayo. Nangona kunjalo, siye salindela ukuba ootitshala abakwiqela elijongene nongenelelo baqhube ngcono kwizinto ezimalunga nolwimi nelitheresi nakungenelelo oluphakathi kootitshala kunye nabafundi.

Sifumanise ukuba iqela elijongene nongenelelo, iavareji yamanqaku iye yangcono ngenqaku eli-1 kumanqaku ali-15 ezinto ezingama-21 (xa kuthelekiswa nesi-4 kwizinto ezingama-21 kwiqela elingathathi nxaxheba kungenelelo). Umfanekiso wesi-4 ubonisa ukuba ngeXesha lesi-2, ootitshala abakwiqela longenelelo bafumene ipesenti ephezulu ngokwamanqaku, asuka kwisi-3 ukuya kwisi-4, kwaze kwakho nasezantsi asuka kwisi-1 ukuya kwisi-2.

**Umfanekiso 4: Ukuhlalutywa kweavareji yamanqaku eqela elijongene nongenelelo kunye nelo lingathathi nxaxheba kungenelelo**




Kuye kwadanisa ke, ukufumanisa ukuba iqela elijongene nongenelelo khange libonise kuphucuka kwamanqaku o*Kubhala okusavelayo/okubhala amarhoqololo*. Nangona kumaziko amaninzi, abantwana bebekwazi ukufumana amaphepha okanye izixhobo zokuzoba, bambalwa abaqwalaseli abathe bafaka uphawu [✓] kwezi zinto zilandelayo: 'Abantwana baqwalasela ootitshala babo xa bebhala oko bakuthethayo'; 'Abantwana bayakhuthazwa ukuba bazame ukunxibelelna ngokubhala'; 'Abantu abadala bamilisela iingqondo zabantu kwinjongo yokubhala'.

Kwezinye izinto kubonakale ukuphucuka ebekungalindelekanga. Umzekelo, kuye kwakhuthaza ukubona ukuguquka kwi 'ncoko yemathematika' kwezi zinto zilandelayo: *Izixhobo zeMathematika kunye nemisebenzi yeMathematika* ('Abasebenzi babuza abantwana imibuzo emalunga nezixhobo zeMathematika/nemisebenzi ehlupheza ukucinga nzulu') *neMathematika kwiziganeko zemihla ngemihla.* ('Ootitshala basebenzisa incoko yeMathematika bebhekiselele kwiziganeko zemihla ngemihla ngexesha lamaqela amakhulu'). Nangona inkqubo yeLittle Stars ingagxilanga kwiMathematika, ootitshala bayakhuthazwa ukuba bawafake amagama amalunga nemathematika kuyo yonke imisebenzi yemihla ngemihla ze isigama seMathematika sisetyenziswe xa kusenziwa amabali, amathathu kula mabali anemixholo emalunga neMathematika.

### Yintoni eye yaphucuka kakhulu?

| Izinto | Izalathisi |
|---|---|
| *Ukuncedisa abantwana bandise isigama* | • Ngamanye amaxesha amagama achaza abantu, iindawo, izinto nezenzo asetyenziswa kwiimeko ezinika intsingiselo.<br>• Ngamanye amaxesha abasebenzi bawacacisa ngendlela eyenza abantwana bawaqonde kakuhle amagama angaqhelekanga. |
| *Ukukhuthaza abantwana basebezise ulwimi* | • Iincoko ezininzi eziphakathi komsebenzi nomntwana eziqhutywa ngexesha lemidlalo ekusetyenziswa kuyo izihlunu kunye naxa kusenziwa imisebenzi yesiqhelo ngexesha elibekelwe loo misebenzi. |
| *Ukusetyenziswa kweencwadi (zamabali) ngabasebenzi kunye nabantwana* | • Uninzi lwabantwana lubonakala luthatha inxaxheba xa kusetyenziswa iincwadi (amabali).<br>• Bonke abantwana abathatha inxaxheba kumsebenzi bamilisela iingqondo zabo ngexesha lencwadi (lamabali) nganye.<br>• Abasebenzi babonisa umdla nokuzonwabela iincwadi (amabali).<br>• Abasebenzi kunye nabantwana baxoxa ngomxholo wencwadi (webali) ngendlela eyenza abantwana bathathe inxaxheba. |
| *Ukukhuthazwa kwabantwana ukuba basebenzise iincwadi* | • Iincwadi ezifunyenwe kwiziko lokufunda, elinefanishala eyenza kuhlaleke kakuhle. |
| *Okushicilelweyo okufumaneka kwiindawo esihlala kuzo* | • Izinto ezimbalwa ezileyibhelishiweyo zikhona futhi ziyabonakala.<br>• Kuqhubeka ingxoxo emalunga nokushicilelweyo kwaye isoloko imalunga nezinto abanomdla kuzo abantwana. |
| *Indawo yeencwadi neyelitheresi* | • Kuhlaleka kakuhle kwindawo yeencwadi (kukho imethi nemiqamelo okanye indawo entofontofo yokuhlala) futhi ineendidi ezininzi zeencwadi ezinemixholo nobumnzima obahlukileyo. |
| *Ukufunda komntu omdala (ebalisa ibali) kunye nomntwana* | • Abantwana bathatha inxaxheba xa kufundwa (kubaliswa ibali) kwaye kuye kuxoxwe ngamagama okanye ngebali.<br>• Kuxoxwa ngamagama noonobumba abashicilelweyo kwakunye nomxholo.<br>• Kukho izixhobo zokuxhasa abantwana ukuze bazifundele amabali. |
| *Izandi zamagama* | • Abantwana baboniswa izandi zokuqala zamagama. |
| *Ukuthetha nokuphulaphula* | • Abantwana bakhuthazwa ukuba baphendule imibuzo ngendlela yokwandisa ulwazi lolwimi (iimpendulo ezingafuni gama linye). |
| *Ubugcisa* | • Uhlobo umntwana ngamnye avakalisa ngayo indlela aziva ngayo ngesixhobo sobugcisa iyaqwalaselwa njengokuba besebenzisa izixhobo okanye xa zibekiwe ukuba zibonwe izixhobo (umzekelo, abantwana banikwa ithuba lokuzoba ngokukhululekileyo). |

### Igalelo nokubaluleka kweziphumo

Iziphumo ezinikwe emva kotyelelo lwabaqeqeshi nasemva kokuqwalaselwa okwenizwe eziklasini zibonisa oku:

- Ootitshala bamaqela omabini, isiXhosa neAfrikansi bafumene amanqaku afanayo (khange kubekho mahluko uqaphelekayo). Oku ke kuthetha ukuba ukwamkelwa kwale nkqubo khange kuhambelane nemeko enye.
- Kuye kwafumaneka amanqaku ahlukeneyo kwiimeko zonke. Babini kuphela ootitshala abakwiqela elijongene nongenelelo abaye bafumana amanqaku asezantsi xa bebesenza le nkqubo, nto leyo ethetha ukwamkeleka kakuhle kwale nkqubo.
- Ngokweavareji, indlela yokufundisa yootitshala abakwiqela elijongene nongenelelo iye yaphucuka kakhulu xa ithelekwiswa neyootitshala abangathathi nxaxheba kungenelelo kwaye kwisibini sezikali ezithathu ezisezantsi ukuphucuka kuye kwabonakala kakhulu.
- Iqela elijongene nongenelelo libonise ukuncipha okucacileyo xa lithelekiswa nelo lingathathi nxaxheba kungenelelo ngokwepesenti yezinto ezinawona manqaku asezantsi. Kukwabonakele ukunyuka okuqaphelekayo ngokwepesenti yezinto eziye zaphucuka ngenqaku elinye ngokwesikali.
- Ukuhlalutywa kwezinto kubonise oku kulandelayo:
  - Ukutshintsha kweavareji yamanqaku kukhuthazwe kukutshintsha kwezinto ezimalunga nelitheresi nolwimi, kunye nezinto ezintle ezibonakele kubungqina obumalunga nencoko yemathematika.
  - Indlela yokufundisa ayikhange itshintshe ngohlobo ebesilindele ngalo *Ukuzoba nokubhala okusavelayo*.

Ezi ziphumo zibonisa ukuba yamkelwe kakuhle inkqubo yeLittle Stars kwiimeko ezimbini (ePaarl naseKhayelitsha). Zibonisa ukuba uqeqesho olusekeke kwizixhobo zokufunda nokufundisa lunegalelo ekuphuculeni iindlela zokufundisa kunye nendlela yokusebenza nabantwana eklasini.

***Senza umbulelo kwi*British Academy *ngokusixuma ngemali kolu phando (ECE 190079).***
***Olu chungechunge lwezishwankathelo zophando luxunywe ngemali yi*Lancaster University FST Impact Fund.**